# ISAZISO ESIPHATHELELE IMIQATHANGO YAMANZI NOKUPHUNYEZWA KWEENTLAWULO EZINCITSHISIWEYO ZAMANZI

Nangona umgangatho wedama i-Voëlvlei Dam uye wabonakalisa ukubangcono ngokubnakalyo xa uthelekiswa nalowo wango-Agasti kunyaka odluleyo, iBhunga likaMasipala waseSwartland ngomhla wesi-7 kuSeptemba 2018 liye lagqiba ekubeni ligcine imiqathango yamanzi yeBakala lesi-6 esebenzayo ukususela ngowo- 1 Febhruwari 2018 de iSebe leMicimbi yaManzi liqinisekise ukuba le miqathango inyenyiswe.
Ngokuvumelana nemiyalelo yeSebe, kusamele kuthathwe amanyathelo okonga ukuze kufikelelwe kwii-45% ekusetyenzisweni kwamanzi asezindlini nokonga ii-60% zamanzi asetyenziswa kwezolimo.

**IINTLAWULO EZINCITSHISIWEYO ZAMANZI**

**Ukuze kunikwe iipokotho zabathengi isiqabu, iBhunga liye lagunyazisa ukusetyenziswa kweentlawulo zamanzi ezincitshisiweyo ukususela ngowo-1 kuSeptemba 2018.** Ezo ntlawulo ziza kusebenza kwiinkonzo ekubonelelwe ngazo ebudeni bukaSeptemba 2018 nee-akhawunti zazo ekumele zihlawulwe ekuyeni kowama-30 kuSeptemba 2018, nto leyo ithetha ukuba kuya kube kuhlawulelwa amanzi awayesetyenziswe kwixesha elidlulileyo ebudeni bukaSeptemba.

Iintlawulo ezintsha ezimlinganiselo uhlayo, ezingaquki i-VAT, zimi ngolu hlobo:

| | **Intlawulo ngeyunithi (kl)** |
|---|---|
| 0─4 kl | R 6.06 |
| 5-10 kl | R 10.40 |
| 11-15 kl | R 18.98 |
| 16-20 kl | R 19.63 |
| 21-25 kl | R 35.67 |
| 26-50 kl | R 74.33 |
| 51 kl nangaphezulu | R 102.58 |

Iintlawulo ezisebenza kumashishini (ama-R25.00 kunye ne-VAT ukususela kwikhilolitha yokuqala esetyenziswayo) nakwizikolo, amaziko karhulumente neeklabhu zemidlalo (ama-R30.00 kunye ne-VAT ukususela kwikhilolitha yokuqala esetyenziswayo) azikatshintshi.

**INTLAWULO YAMANZI ESISISEKO**

Intlawulo yama-R99.00 (equka i-VAT) evela kwii-akhawunti zamanzi iyintlawulo esisiseko esebenza kubo bonke abathengi ukususela ngowo-1 kuJulayi 2018 ukwenzela ukuba uMasipala akwazi ukugcina imithombo yakhe yamanzi, iinethwekhi zamanzi neziseko eziphambili zophuhliso lweenkonzo zamanzi zikwimo efanelekileyo azandise ngokunjalo. Le ntlawulo isebenza ukongezelela kwiintlawulo zamanzi ezimlinganiselo uhlayo ukuhlawulela iindleko zokusebenza kukaMasipala, njengezo zibandakanyeka ekuthengweni kwamanzi.

Sekuliqela leminyaka uMasipala ethengisela abathengi amanzi ngelahleko ebhajethelweyo. Iimeko zembalela namaxabiso aphezulu ekuye kwafuneka uMasipala athenge ngawo amanzi ukususela ngowo-1 kuJulayi 2018, ziye zenza kwayimfuneko ukuba kumiselwe le ntlawulo. Amanye amagunya, afana nalawo eSixeko saseKapa, eMossel Bay, e-Overstrand nase-Saldanha Bay, kwiqela leminyaka ebebiza iintlawulo eziyodlula lee ngama-R99.00 intlawulo yalo Masipala. UMasipala waseSwartland ebengenakubiza intlawulo de abe ngokuhamba kweminyaka uphelise amanzi asimahla abewanika abathengi bakhe.

UMasipala uye wayibhengeza le ntlawulo ukuze abahlali baphawule ngayo kumajelo eendaba asekuhlaleni ebudeni buka-Epreli 2018 njengenxalenye yedrafti yohlahlo-lwabiwo-mali (oluquka iintlawulo). Amaxwebhu ohlahlo-lwabiwo-mali axhonywa kwii-ofisi zikamasipala nakwiilayibrari nakwiwebhsayithi yakhe nakumajelo onxibelelwano ukususela ngowama-29 kuMatshi ukuya kutsho ngowesi-3 kuMeyi 2018 ukuze ukuze kuthotyelwe imimiselo yomthetho. Akuzange kubekho kuphikiswa yaye olu hlahlo-lwabiwo-mali lwagunyaziswa ekugqibeleni ekupheleni kukaMeyi ukuze lusetyenziswe ukususela ngowoku-1 kuJulayi 2018.

**IMIQATHANGO ESEBENZA KUBO BONKE ABATHENGI**

- Bonke abasebenzisa amanzi kulindeleke ukuba **bangasebenzisi ngaphezu kwelitha ezingama-50** zamanzi kamasipala okusela mntu ngamnye ngosuku enoba usekhaya, emsebenzini okanye kwenye indawo.
- Akuvumelekanga ukunkcenkceshela ngamanzi okusela kamasipala. Oku kuquka ukunkcenkceshela iibhedi zeentyatyambo, iiloni, imifuno, izilimo, ezinye izityalo, amabala ezemidlalo, amabala egalufa, izikolo, amaziko ezemfundo, iindawo zokukhulisa iintyatyambo, iipaki nezinye iindawo. Iindawo zokukhulisa iintyatyambo nabathengi ababandakanyeke kwezolimo okanye abanemiyezo yembali banokufaka isicelo sokubekelwa bucala.
- Zonke iipropati apho kusetyenziswa imithombo yamanzi engekho lula (umz. ukuqokelelwa kwamanzi emvula, ukusebenzisa kwakhona amanzi, amanzi abenokungcola aza acocwa, amanzi omthombo, amaqula nalawo aphantsi komhlaba), zimele zibonise imiqondiso yoku ngokucacileyo kwiindawo ezibonwa nguwonke wonke. Abasebenzisi bale mithombo bangankcenkceshela kuphela ngaphambi kuka-08:00 nasemva kuka-18:00 kangangeyure enye, kodwa bakhuthazwa kakhulu ukuba bangankcenkcesheli kwisithuba seentsuku ezisixhenxe emva kwemvula eye yanetha ngokwaneleyo.
- Xa kuboniswe imiqondiso ethi imithombo isetyenziselwa injongo yokunkcenkceshela, abaninimzi kulindeleke ukuba bayichaze loo mithombo namanzi ayo (ukuba ayaziwa) kwaMasipala.
- Akuvumelekanga kuhlanjwe okanye kutshizwe ngethumbu iindonga eziqinileyo, amaphahla okanye iindawo ezineepavumente ngamanzi okusela kamasipala. Abasebenzisi abafana neendawo zokuxhela, imizi-mveliso yokutya, iindawo zokunyamekela, iindawo ezigcina izilwanyana neminye imizi-mveliso namaziko aneemfuno ezikhethekileyo anokucela ukuyekwa.

- Akuvumelekanga ukuzalisa (ngethumbu okanye ngokuzenzekelayo) kwamaqula okuqubha ngamanzi kamasipala okusela enoba anento yokugquma iqula. Oku kuquka ukuzalisa amaqula amatsha okanye ukuzalisa iqula elikhoyo emva kokulilungisa. Oku kubhekisela kuwo onke amaqula kuquka amaqula kawonke wonke namaqula amaqela, amashishini namanye amaziko.
- Akuvumelekanga ukusetyenziswa kwamanzi afumaneka kwimithombo eyenziwe ngumasipala ngenjongo yokupholisa uphahla.
- Akuvumelekanga ukusetyenziswa kwamanzi okusela kamasipala kwiqula lokuhombisa okanye kwenye into efuna amanzi.
- Abasebenzisi bakhuthazwa ukuba bagungxule iithoyilethi (besebenzisa ibhakethi) ngamanzi asebenzileyo, amanzi emvula okanye amanye amanzi angaselwayo.

**IMIQATHANGO ESEBENZA KUBATHENGI ABAKWIINDAWO ZOKUHLALA**

- Iindawo zokuhlala ezimi zodwa (amakhaya awodwa) asebenzisa ngaphezu kweelitha ezingama-20 000 ngenyanga aya kudliwa imali – Bona AMANQAKU ngezantsi ukuze ubone imali eya kudliwa imali.
- Izindlu ezidibeneyo (umz. iiflethi nezindlu ezikwiyadi enye) ezisebenzisa ngaphezu kweelitha ezingama-20 000 ndlu nganye ngenyanga ziya kudliwa imali.
- Akuvumelekanga ukuhlamba iimoto, iitreyila, iikharavani okanye amaphenyane ngamanzi okusela kamasipala. Ezi zinto zimele zihlanjwe ngamanzi angengawo awokusela okanye ngeemveliso ezingasebenzisi manzi okanye ngeenkqubo zokucoca ezisebenzisa umphunga.
- Akuvumelekanga ukusetyenziswa kwamaqula aphathwayo okanye nawaphi na amaqula okudlala okanye izinto zokutyibiliza ezivuthelwayo.
- Abathengi bacetyiswa ngamandla ukuba bafakele iinxalenye ezonga amanzi, izifakelwa nobugcisa boko ukunciphisa ukusetyenziswa kwamanzi kuzo zonke iitepu, iishawa nezinye iikhomponenti zemibhobho yamanzi.

**IMIQATHANGO ESEBENZA KUBATHENGI ABANGEKHO KWIINDAWO ZOKUHLALA**

- Akuvumelekanga ukusebenzisa amanzi okusela kamasipala ngeenjongo zolimo, umz. ukunkcenkceshela izityalo okanye ukuseza imfuyo. Bonke bawasebenzisela iinjongo zolimo amanzi kamasipala neenjongo zasendlini bamele baqinisekise ukuba amanzi abawasebenzisa ngenyanga bawanciphisa nge-45% xa kuthelekiswa nonyaka odluleyo.
- Akuvumelekanga ukuhlamba iimoto (kuquka iiteksi), iitreyila, iikharavani okanye amaphenyane ngamanzi okusela kamasipala. Iimoto, iitreyila, iikharavani namaphenyane amele ahlanjwe ngamanzi angengawo awokusela okanye ngeemveliso ezingasebenzisi manzi okanye ngeenkqubo zokucoca ezisebenzisa umphunga. Oku kubhekisela ekuhlambeni okucwangcisiweyo nokungacwangciswanga.
- Ukusetyenziswa kweziciko zamaqula ezifakelweyo kumaqula kawonkewonke kukhuthazwa ngamandla xa kunokwenzeka.
- Azivumelekanga iinkqubo zokuzalisa ezizenzekelayo kumaqula okuqubha.
- Azivumelekanga iinkqubo zeepaki zokutshiza.
- Abathengi/amaziko bamele bafakele iinxalenye ezonga amanzi, izifakelwa nobugcisa boko ukunciphisa ukusetyenziswa kwamanzi kuzo zonke iitepu, iishawa nezinye iikhomponenti zemibhobho yamanzi kwiindawo zikawonkewonke.
- Amabala egalufa, iindawo zemidlalo, iipaki, izikolo namaziko emfundo akavumelekanga ukwenza nawaphi na amabala ahonjisiweyo okanye awemidlalo, ngaphandle kokuba ankcenkceshelwa kuphela ngamanzi angengawo awokusela.
- Kubasebenzsi abanikwa amanzi ngokuvumelana nekontrakti ekhethekileyo (umz. iindawo ezikhethekileyo okanye abanikezeli beenkonzo zamanzi) imiqathango yekontrakti imele isebenze.

**<u>AMANQAKU</u>:**

(1) Ukusilela ukuthobela nasiphi na kwizithintelo kulityala ngokuvumelana noMthetho-sihlomelo kaMasipala onxulumene nokuZiswa kwaManzi, iiNkonzo zoGutyulo lweLindle noKungcola kweMizi-mveliso ka-2014. Umtyholwa kuya kufuneka ahlawule imali yokuvuma ityala eyi-R2 000,00 kunye/okanye, ngokuvumelana necandelo 69(3), nokufakelwa kwaso nasiphi na isixhobo sokulawula (esilawula ukusetyenziswa kwamanzi kwemihla ngemihla) kwimizi engathobeliyo. Ezo ndleko ziya kutsalwa kumnini we-akhawunti ofanelekileyo. Abathengi abanezizathu ezivakalayo zokusebenzisa amanzi amaninzi kufuneka banike uMasipala isikhuthazo esisiso sokuthethelela ukusebenzisa kwabo amanzi amaninzi.

(2) Kodwa ukuyekwa okunikezelwe phantsi kwemiqathango yeBakala 5 neyeBakala 6 kusasebenza.

Uxinzelelo lwamanzi nomlinganiselo wokuphuma kwawo lunokuhliswa ukuya kutsho ngaphantsi kwemiqathango esebenzayo okanye iimfuneko ezilindelekileyo ukuthintela ukuvuza kwamanzi, yaye kunokubangela ukuba amane ephela.

**AMAQULA OKUQUBHA KAMASIPALA**

Amaqula okuqubha kamasipala aya kuphinda avulelwe uwonkewonke ngokuvumelana nesigqibo esithathwe liBhunga ngowo-1 kuOktobha 2018.

**J J SCHOLTZ**
**IMANEJA KAMASIPALA** **Septemba 2018**

- Ukuze ufumane isishwankathelo sikawonkewonke sesiCwangciso seNtlekele yokuPhela kwaManzi yaseSwartland kwakunye nalo lonke uhlaziyo namaxwebhu angentlekele yamanzi, yiya kwiphepha lethu elikhethekileyo lewebhu elithi (http://water.swartland.org.za/) okanye uye kwiphepha lethu leFacebook elithi (www.facebook.com/swartlandmunicipality).
- Xela inkcitho ku-022 487 9400 okanye ku-022 487 9411 okanye usithumelele i-imeyili ku- swartlandmun@swartland.org.za.
- Ukuze ubhalise imithombo, tsalela ku-022 487 9400 (u-Esmari Steenkamp).